

## Impembelelo Yezinto Zeli Hlabathi



---

### SABATHA EMVA KWEMINI

#### Fundela Isifundo Sale Veki:

1 Yohane 2:16, 17; Luka 14:26–33; 12:15–21; Dut. 8:10–14; 1 Tim. 6:10; Yohane 15:5; Gal. 2:20.

#### Indima Yenkumbulo:

“Ningamilisi okweliphakade; manibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu, ukuze nikucikide into okuyiyo ukuthanda kukaThixo okulungileyo, okukholekileyo, okuzalisekileyo” (Roma 12:2).

**I**Lizwi likaThixo lisixelela ukuba abantu baKhe “[ba]ngamilisi okweli phakade” (Rom. 12:2), kodwa umtsalane wezinto zalo mhlaba, ulangazelelo olugqithisileyo lobutyebi nento esicinga ukuba ubutyebi bungasiphathela yona, unamandla. Bambalwa kakhulu abantu, izityebi okanye amahlwempu, abangaphaya kokufikelela kwizinto zeli hlabathi. Aba baquka namaKristu. Akukho nto ingalunganga nokuba sisityebi, okanye ukusebenza nzima ukuqhubela phambili ukuzixhasa wonwabile wena kunye nobathandayo bakho. Xa ke imali, okanye ukusukela imali, kuthi kube yiyo yonke into, kusukuba siwe emgibeni kaSathana kwaye siye “samilisa okweli hlabathi” ngokwenene.

Ihlabathi linika ingqondo ethi, ubomi obulungileyo, obunezinto, bufumaneka kuphela emalini. Kanti ke, imali sesinye isikhuselo azimela ngaphaya kwaso uSathana ukuze azuze ukuthotyelwa sithi. Izinto zehlabathi sesinye sezixhobo ezibaluleke kakhulu sikaSathana sokulwa amaKristu. Ngapha koko, ngubani ongayithandiyo imali noko imali enokukuzisa kuthi apha ngoku? Eyona nto inkulu eyenzayo kukunikeza ukwaneliseka okukhawulezileyo, kodwa ekupheleni, ayikwazi ukuziphendula ezona zidingo zinzulu.

*\*Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJanuwari 6.*

## Uthixo Weli Hlabathi

Imali iye yanguthixo weli hlabathi, izinto zalo ziyinkolo yalo. Ukuxabisa izinto zalo mhlaba luhlelo oluphucukileyo olunika ukukhuseleka kwexesha olungeyiyo inkuseleko eyasekugqibeleni. Izinto zehlabathi, njengoko sizichaza apha, kuxa ulangazelelo lobutyebi nokuba nezinto kuthi kubaluleke kube nexabiso kunezinto zasemoyeni. Izinto zingabanexabiso, kodwa ixabiso lazo akufuneki lusithimbe: “Othanda imali, akaneliswa yiyo; othanda ubutyebi, akaze anelise yingeniso yakhe” (Ints. 5:10, NIV). Leyo yiyo ingxaki ngezinto zeli hlabathi: Nokuba sizuzo kangakanani, akuze kwanele; sizama kakhulu kakhulu ukuba sizuze ngakumbi nangakumbi into engasayi kuze isanelise. Uthetha ngomgibe!

**Funda: 1 Yohane 2:16, 17. Isixelela ntoni le ndima ngeyona nto ibalulekileyo?**

---

**Funda: Luka 14:26–33. Usixelela ntoni apha uYesu, ngeyona nto ibaluleke kakhulu kumKristu?**

---

Mhlawumbi ingabekwa ngolu hlobo: kwabo ethi imali, okanye ukuyinqwenela, kube yeyona nto ibalawulayo, ngokwenene, kufuneka balibale ixabiso. “Yintoni eya kukunceda xa uthe wazuza ilizwe lonke kodwa ulahlekwe ngumphefumlo wakho?” (Marko 8:36, NLT). “Ukuza kukaKristu emhlabeni, ubuntu babubonakala bufikelela ngokukhawuleza kwelona nqanaba lisezantsi. Ezona ziseko kanye zoluntu zazithotyelwe phantsi. Ubomi babuyinkohliso nokwenziwa. . . . Kulo lonke ilizwe iintlelo ezimisiweyo zenkolo zazisoyiswa kukuyilawula ingqondo nomphefumlo. Becatshukiswa ziintsomi nobuxoki, befuna ukungcwaba ukucinga, abantu babhenela kukungabi nalukholo nasekufuneni izinto zehlabathi. Bemkhuphela ngaphandle unaphakade kwingcinga yabo, baphilela ixesha langoku.”—Ellen G. White, *Education*, pp. 74, 75. Abantu batsaleleke ekungakholweni nakwizinto zehlabathi nokuphilela ixesha langoku kuphela. Ivakala iqhelekile le nto?

**Ngubani ongafuniyo ukuba nezinto ezizezakhe? Umbuzo uthi: Singazi njani ukuba izinto esinazo, nokuba azikho ninzi, zona zizo ezinathi? Ngubani ekuphela kwakhe ekufuneka singabakhe, saye singaqiniseka njani ukuba ngokwenene oko uyakwenza?**

---

## Ukuzalisa Oovimba

**Funda: Luka 12:15–21. Sithini isigidimi esiza kuthi apha? Umthetho-siseko lo ungasebenza njani kwabanye nokuba abazizo izityebi?**

---



---

Nokuba sizizityebi okanye amahlwempu, ukufuna kwethu izinto kungayisusa ingqondo yethu kwezona zinto zibalulekileyo kuyise, endaweni yako, kwizinto zexesha nezidlulayo, ngokuqinisekileyo, ezingakufanelanga ukulahleka kobomi obungunaphakade. Sisenokungathobi siguqe kwisithixo esiphathekayo segolide okanye sesilivere sisinqule namhlanje. Sekunjalo, sinako ukuba sengozini yokunqula igolide nesilivere, zilolunye uhlobo. Lo mzekeliso usebenza kakhulu kwiindawo eziliqela zehlabathi, apho ubomi bunikelwa phantse ngokupheleleyo ekuzuzeni izinto. Abathengisi bakuguqulele ukuthengisa izinto zabo kubuchule obuzalise ilizwe lonke. Icebo labo lokuthengisa lakhelwe phezu kokusenza ukuba sicinge ukuba asingeke sonwabe okanye saneliseke side sibe zezi zinto bazithengisayo. Enye inkampani enempumelelo kakhulu yenza into, yasenza ukuba sicinge ukuba siyayidinga, yaza yasithengisela. Inyaniso yeyokuba: kwaba njalo. NamaKristu, athemba lawo lingelilo elalo mhlaba, awakhuselekanga kule nkohliso.

**Funda: Duteronomi 8:10–14. Kungaziphi iindlela elinokuthi naliphi ilungu lebandla libe kule ngozi kulunyukiswa ngayo apha?**

---



---



---



---

**Yeyiphi imizekelo onokuyifumana, nokuba kuseBhayibhileni okanye elizweni lethu namhlanje, apho ukufunjwa kobutyebi nezinto kunyuse khona umgangatho womntu wasemoyeni, ukuthanda uThixo, nolangazelelo lwezinto zasezulwini nezasemoyeni? Nceda wabelane neklasi ngempendulo yakho.**

## Ukutsala Kwezinto Zehlabathi

Ilizwe lentengiso linamandla. Iinkampani zichitha iibhiliyon zibeka imifanekiso yezinto ezithengiswayo phambi kwethu. Sikholisa ukusebenzisa abantu abahle nabanomtsalane ukukhuthaza loo nto ithengiswayo. Sikhangelana loo ntengiso sizibone, singanelanga nje ukuba nayo, kodwa sesifana nabantu abo bakwintengiso leyo. Ukufuna izinto zehlabathi bekungayi kuba nempumelelo kangako ukuba bekungeyiyo le ndlela inobuchule (ngamanye amaxesha bungengako nobo buchule) bokufakela ukuthandwa kweziyolo apha entengisweni. Iyeyona ndlela yentengiso enamandla, kodwa isebenza njengetyhefu kumaKristu azamazamana neengozi zokufuna izinto zehlabathi, aluninzi lwethu ke phofu.

**Funda: Mateyu 6:22–24. Iliso limele ntoni ngokwengcinga nesenzo somKristu? Singasabela njani thina maKristu kwimifanekiso enobugcisa kakhulu esilingayo ukuba sifune oko singakudingiyo ngokwenene?**

---

---

---

Intengiso ehlanganisa nokuthanda iziyolo kwizinto zabathengisi inokuba sesona sixhobo sinamandla. Abathengisi bathengisa iimpahla zabo ngokudala ukuthabatheka kwiingqondo zabathengi. Into eyenzekayo kukuzibona nje usemibonweni, kodwa iyasebenza. Iba ngathi ifihlakele, ibathi hlasi ngokukhawuleza abantu, ibase kwelinye ilizwe. Iba yinkolo yobuxoki engalunikiyo ulwazi nenyano yasemoyeni, kodwa ngelo xesha inomtsalane nomkhokha abangakwazi ukuwulandula abantu. Siyayifuna, kwaye siziva ngathi siyayidinga, kungani ke ukuba singayithabathi? NguThixo kuphela obaziyo ubuninzi bemali echithiweyo nesaza kuchithwa kwizinto abentengiso abasoyisele ekuthini siyazidinga.

**“Ke kaloku ndithi, Hambani ngokoMoya, naningasayi kuthi ke niyizalise inkanuko yenyama” (Gal. 5:16). Nangona sikholisa ukucinga nge “nkanuko yenyama” kuphela ngokwesondo, zeziphi ezinye iindlela esinokuthi ngazo sibe sengozini yokwanelisa le nkanuko?**

---

---

## Ukuzithanda

**“Kuba ngalo ubabalo endababalwa ngalo, ndithi kubo bonke abaphakathi kwenu, makangazingeli ngaphezu koko bamelwe kukuzicingela ngako; mabazicingele ingcinga ephilileyo, njengoko uThixo abele ulowo nalowo umlinganiso wokholo” (Roma 12:3).**

UThixo wathi, “Intliziyo yakho iphakamile ngenxa yobuhle bakho, ubonakalisile ubulumko bakho kunye nokubengezela kwakho” (Hez. 28:17). ULusifa wazikhohlisa, ecinga ukuba mkhulu kunokuba wayenjalo ngokwenene. Wathi entliziweni yakhe, “Ndizifanise nOsenyangweni” (Isa. 14:14), waveza ibhongo lakhe, ebanga amalungelo awayengenawo. Ukuzikhohlisa namabhongo akhe ayezimpawu ezimbini zentliziyo ewileyo kaLusifa. Ezi ndima zingokuwa kukaLusifa zimele ukusixelela ukuba, ngeendlela ezininzi, isono sokuqala sesokuzithanda, esinye isichazi-magama esithi, “kukutsaleleka kwalapha kuwe ngokugqithisileyo; ukuthanda wena, okungento.” Zeziphi iimpawu, nakowuphi umntu owileyo, eziziziboniso zokuzikhohlisa okukhulu ukudlula ezi? Kanti ke, ezi mpawu zixhaphake kakhulu kunokuba kunokucingwa. UNebhukadenetsare, ngokuziphakamisa, wazicingela ngaphezu kokuba wayenjalo. (Dan. 4:30). AbaFarisi nabo bafunda ukuyikholelwa le ngcinga iliphupha elilahlekisayo (bona kuLuka 18:11, 12). Ubutyebi nabo, bungakhokelela kule nkohliso inye, ukuba asilumkanga.

**Funda: 1 Timoti 6:10. Ulumkisa ngengozi ethini apha uPawulos?**

---

UPawulos uyalela uTimoti ukuba alumkele iintlobo ezininzi zabantu ababi (2 Tim. 3:1–5), kukho kubo “abathandi bemali.” Oku kuthanda imali kungakukhuthaza ukuzithemba okudlulisileyo nomoya wokuba mkhulu nokuba nomtsalane nokuzidla. Konke oku kwenziwa kuba ukufuna izinto zehlabathi kubazalisa abantu abanezinto kakhulu kukuziva bebalulekile. Kulula ukuba, athi umntu xa enemali eninzi, azicingele phezulu kakhulu kunokuba ebefanele ukwenza. Ngapha koko, wonke umntu uya kufuna ukutyeba, kodwa bambalwa abaphumelelayo. Kungoko kulula ukuba otyebileyo akhathalele isiqu sakhe, abe nekratshi, aqhayise.

**Funda: Filipu 2:3. Isinceda njani le ndima ukuba sikuqonde ukuba kutheni ukuthanda izinto zehlabathi, nengqondo okuyikhuthazayo, kuchasene nje nobuKristu obububo?**

---

# Ingozi Yokugqibela Yezinto Zehlabathi

Baninzi abantu abamthandayo uThixo. Into abayiyo ihambelana nayiyo Yena ngendlela izinto zehlabathi ezingenakuze ziyisuse.

**Funda: Duteronomi 7:6, 1 Petros 2:9, Yohane 15:5, noma Galati 2:20. Kukuthini ukuba ngokaThixo, kwaye sikufumana phi ukuba yinto esiyiyo ngokwenene?**

---



---

UThixo uthi, “Umdiliya ndim, nina ningamasebe. . . . Ningekum anakwenza nto” (Yohane 15:5). Uqhagamshelano luthe nqo lwaye luqinile. “Konke ukuthobela kwenene kuphuma entliziyweni. Yayingumsebenzi wentliziyu nakuYesu. Ukuba ke siyavuma, uya kuzifanisa neengcinga neenjongo zethu, azilungelelanise iintliziyo zethu neengqondo zethu ukuba zihambelane nentando yaKhe, ukuze kuthi ekumthobeleni kwethu singafumaneki sisenza nje okwethu ukuthanda.”—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 668. Kwelinye icala, ukuthanda izinto zehlabathi kusinika ukuba sibe yinto efanayo nezinto ezo sinazo. Ngamanye amazwi, sizichaza ngezinto esinazo okanye esinokuzithenga zasehlabathini. UYakobi usilumkisa ngelithi: “igolide nesilivere yenu idliwe ngumhlwa; umhlwa wazo uya kuba lingqina ngakuni, uyidle inyama yenu njengomlilo. Niziqwebele ubutyebi ngeemini zo kugqibela” (Yakobi 5:3). “Ukuqweba” kuthetha ukuqokelela ugcine indyebo eninzi; okubaluleke kakhulu, kukwezi ndyebo, nokuba zimbawo okanye zininzi, abathi abaninzi bazifumane into abayiyo. (Luka 12:19–21).

Ukuthanda izinto zehlabathi kuluhlobo lokudideka ngokuba umntu uyintoni. Oku kuthetha ukuba, abaninzi kuthi, into esiyiyo idibene [okomtya nethunga] nezinto esinazo. Izinto esinazo ziba nguThixo wethu (Mat. 6:19–21). Omnye wathi, “Andinto ngaphandle kwezinto endinazo.” Usizi olungako lokuba sizifanise kuphela nazo naziphi izinto esinazo zasemhlabeni. Indlela le engenzulu, ephaphathekayo, ekugqibeleni eyingozi, yokuphila ubomi bomntu, ngakumbi umntu othi ungumKristu. Ingaba sizifanisa noThixo okanye nezinto esinazo na? Ekugqibeleni, kuya kubakho icala.

**Kungakanani ukuba nguwe okuhambelana nezinto onazo?**

---

**Ingcamango Eyongeziweyo:** “Namhlanje utshaba luthenga imiphefumlo ngexabiso eliphantsi kakhulu. ‘Nizithengise ngelize,’ sithetha njalo isiBhalo. Omnye uthengisa umphefumlo wakhe ukuba adunyiswe lihlabathi, omnye ngemali; omnye ukuba anelise iinkanuko zakhe, aze omnye kube ziziyolo zehlabathi. Ukuthengiseka lula okunjalo kwenzeka yonke imihla. USathana ukhupha ixabiso eliphantsi ngabo bathengwe ngegazi likaYesu aze abathenge ngelo xabiso, nangona kwakuhlululwe ixabiso elingenamda ngabo.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 5, p. 133. Ukuthenga imiphefumlo ngezinto zehlabathi ngumgomo kaSathana, kwaye ezi zabatha zibonakala zizihle ngaphandle zinomtsalane kwintliziyo nganye. Ukuthanda izinto akukwazi kuthetha, kodwa luzazi zonke iilwimi. Kuyakwazi ukunikeza ubumnandi nokwaneliseka kwabazizityebi nabangamahlwempu kubenze ukuba bathi, “Ndinako konke endikudingayo apha; ndingaba sazikhathaza ngantoni?” Ngalo ndlela, ukuthanda izinto kuyayonakalisa ingqondo; kubenza abantu ukuba bathembele koko banako kunokuthembela kuThixo. Sekunjalo, ichiza leli, “ ‘akungabukroti, akungamandla; kungoMoya wam,’ utsho uYehova uSomandla” (Zek. 4:6, NIV). Ukuthanda izinto akunako ukumelana nokulawulwa nguMoya Oyingcwele nokuzimisela ukuthi, ngobabalo lwaKhe, singakuvumeli ukuba ukuthanda izinto zehlabathi kulawule ubomi bethu.

### **Imibuzo Yokuxoxwa:**

1. Zeziphi iindlela ekuthi, nokuba singamahlwempu okanye asinazinto zininzi kwezasemhlabeni, kodwa sibe sisenako ukukhukhuliswa zezinye zeengazi ebesiziqwalasele kule veki?
2. Abanye abantu bathi, “Andiyikhathalele imali. Imali ayithethi nto kum.” (amaxesha amaninzi, abo bathetha oku banemali eninzi kakade.) Kutheni le nto, kumaxesha amaninzi oku kungeyiyo inyaniso? Ukuba nayo imali kubalulekile; ayinandawo ebomini bethu. Umbuzo uthi: Singayigcina njani imali nokuyidinga kwethu kwindawo efanelekileyo ngokwesiBhalo?
3. “Ningaziqwebeli ubutyebi emhlabeni, apho konakalisa inundu nomhlwa, nalapho amasela agqobhozayo ebe; ziqwebeleni ke ubutyebi emazulwini, apho kungonakalisi nundu namhlwa, nalapho amasela angagqobhoziyo ebe; kuba apho bukhona ubutyebi benu, yoba lapho nentliziyo yenu” (Mat. 6:19–21). Funda ngononophelo oku uYesu akuthethayo kuthi apha. Oku asixelela kona kususikhusele esinamandla luhlobo luni kuthi kwingozi yokuthanda izinto zehlabathi?